

IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, AUGUST 31, 1887.

[No. 147.]

Ndalamba, Ndapel' Isoya
FOLOKOCO!

BANTSUNDU! BANTSUNDU!

" Especially " abanga pandle Yizani kudlisa nityebise amehlo enu kule nkumba yakwa
PASCOE.

Impahla zitu ezintsha zifikile
I Tyali zika Ma—nezika Totosi, nezika Dade, ziyalala, azivuki.
Ityali zaba Ntwenyana (Uyaqonda kodwa ?)
Ityali ezi lufipa—zilala " too."
Ezokutshata ingubo, nokuba ufuna iyadi, nokuba ufuna zisikelwe kuwe.
I Printi—Ikeleko—Ilinzi — Amalapu ehempe—Izitofu (ziyi micako)—Iqiya ze keshemiya—Yonke, impahla itshipu ngoku ngum' mangaliso.
Ezamanene ingubo esezi tungiwe.
Ibatyi ne Bhulukwe ze kodi " ebanzi."
Amanene ayazisikelwa azitungelwe ezawo ingubo ngumtungi.
Siyazi dudela zonke ivenkile zalapa ngempahla zitu.
Inkumba yakwa PASCOE,
Ezantsi kwe Tyalike yama Skotshi.
Paulani, niqonde kakuhle, ningayiposi—
Amagama ka PASCOE
AMADODA ati ngu SIGINGQI.
ABAFAZI bati ngu SILINDI.
UMTEKETISO ngu FOLOCOKO.

E QONCE

JOHN J. IRVINE & CO.,
ISITORA ESITSHA,
Sengubo nobu Qeleqele
beza Mankazana,
E-QONCE

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6
Ibhulukwe ze Kodi, 5/-
Eze Twidi ibhulukwe, 4/-
Ibatyi ze Twidi (iqukuujelwe yonke) 6/6
Eze Twidi i Suti, 16/9
Ikeleko, 2 1/2d
I Printi (intlobo ezintsha) 3d.
I Linzi, 3 1/2d.
Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

NANTSO INTO OBUKADE UYIFUNA.

BAHAMBI NO MZI WASE QONCE

PAUL XINIWE,

UVULE

IKAYA LABANTSUNDU,

DURBAN STREET, E-QONCE,

Entla kwe "Mvo Zabantsundu" ezantsi ko Ngomti opezulu.

IYINDAWO ENTLE YABANTU NAMAHASHE
Kuni ke NTO ZAK'WETU.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcancatweni.

UYAFA NA?

CELA AMAYEZA E GQIRA

LASE GCUWA

Pesheya kwe Nciba.

(1) AWOKOHLOKOHLO

ISHELENI NGEBOTILE.

(2) AWOXAXAZO

ISHELENI NGEBOTILE.

(3) AWESISU

ISHELENI NGEBOTILE.

(4) AMAFUTA EZILONDA

ISHELENI NGEBOTILE.

(5) ELEZILO

ISHELENI NGEBOTILE.

(6) ELAMEHLO

ISHELENI NGEBOTILE.

(7) IMIGUBO YEGAZI

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

ISIKISIPENI NGEBOTILE.

Kwabo bafuna Into ezintsha

ezintle!

Buzani kuzo zonke ivenkile enime- lene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA
INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla

zezo

YUZI .. Egcuwa

Nakwa-Ndabakazi

HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitora sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southey- ville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye. Kunikwa amaxabiso alungileyo [kanye kwe- zindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, ne- zikumba njalo njalo.

JOHN J. IRVINE & CO.

PEARCE & BROWN,

Abatengi bezi Limo, nezi Kumba,

Betengisa yonke into

EMGOMANZI

Sine ntlobontlobo ezinyulwe kakuhle zabantu base Sikolweni neza Maqaba.

Impahla yetu siyi tengisa ngamanani apantsi ukwenzela lamaxesha sikuwo.

Sine Bhokuva ezine ezintsha, nenqwelo ezisixenxe eseke zasebenza esizi tengisayo, nezi nokuqeshwa.

Kuko umkandi wenqwelo apa, umsebenzi awenzayo ufezekile, kanjako ubiza imali epantsi kanye.

YIZANI KUZIBONELA, KWA

PEARCE & BROWN.

Umgomanzi, Pesheya kwe Nciba.

Amagosa e Gcuwa ngo

BAKER, BAKER & CO.

M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,

E-Bhulorweni nase Durban Street.

Ngoku bazilungiselele ukurola awona ma-xabiso makulu

Ngoboya Nezikumba, Zenkomo

Nezabhokwe, Nezegusha.

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye izinto ezitengisayo. Kule-dolopu yeyona ndlu ine Ngcawa Nengubo zokunxiba ezitshipu nayo yonke into.

U BOYA

Zisheleni ezimbini ngeponti.

W. O. CARTERS. C.O.

Basanduluku fikelwa zezimpahla zixelwa ngase zantsi apa :-

I-BLANKETE

Zabantu base sikolweni.

I-BLANKETE

Zama xegokazi.

I-BLANKETE

Zama xego kuba kaloku ezintlobo zombi- ni zabantu kufuneka zigcinwe fudumeleyo ngobu busika.

I-BLANKETE

Zama dodana.

I-BLANKETE

Zomtinjana.

I-BLANKETE

Zaba sebe zakutshata.

I-BLANKETE

Zaba sanduku tshata, Ukuqaula inteto singati i Blankete ziyalala eziifanele naba- nina, ezifanele bonke, zitengiswa tshipu kakulu. Kwenzelwa elixesha loboya kwa

W. O. CARTER & CO.

E-QONCE.

YIYANI KWA

C. A. JAY & C.O

E QONCE,

XA SUKUBA NIFUNA—

Izikonkwane—Into Zokusebenza

Imela neFolokwe

Ikoyi—Ikomityi ne Pleti

I Lampi

Impahla Yendlu Yonke, njalo njalo

Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.

ISAZISO ESIKULU,

ISIBHENO NGO TUNG' UMLOMO.

KUCINGELWA ukuba ngo 22 September, 1887, kuhlangane abatunywa (delegates) bentlanganiso zendawo ngendawo, eziziqibele kwelokuba isikalo somzi ontsundu siye kwanekwa pambi kwezipakati ze Nkosazana.

Kutetwa indawo ezinje nge Bhayi, Cradock, Nxukwebe (eliquka i Bhofolo ne Mpofo), Ngqushwa, Qonce, Hewu, Komani, Abatembu, (ngapeshya nanga ponoshono kwe Ndwe), Gqili, Monti, nezinye indawo,—kuba kufuneka ziqoshelisiwe izinto, njengokuba zisalata ingcingo ezivela pesheya Indawo engati ipakati yokuhlangana kwayo yonke lemizi li Qonce. Ukuba ezinye indawo zinento ezingayalatayo, zingabalela ku

J. TENGO-JABAVU, Ummemi, pro tem.

King Win's Town, 31 August, 1887.

Iiso Lomzi Ontsundu.

[ISIQINGATA SE QONCE]

MEMO LWE NTLANGANISO.

NJENGOKUBA kufike ucingo oluti Inkundla ye Nkosazana izilungiselele ukupulupula isikalo somzi ontsundu ngetuba lokukutshelwa kwawo ngapandle emalangelweni ombuso we Nkosazana yinkundla yase Kapa ;—Amadoda awapapameleyo amalungelo omzi amanyelwa entlanganisweni ngokuhlwa, ngolwesi-Ne 8 September 1887, Emgqushwebe, kwa Lose, Panti kwa Mahlati, ukucinga ngeyona nto ifaneli ukwenziwa ukuze umandla we Qonce, u Qoboqobo, I Tyume, i Cumakala, Umgwali, ne Monti (nalo lite maliqkwe ne Qonce) nokuva osekwenzwe ukuncedisa ekumelweni kwamalungelo omzi.

Lentlanganiso iyakuxoxa nangomcimbi wokuba izitili ngazinye zibe nentlanganiso ze Liso LOMZI ONTSUNDU, iyakunyula Abatunywa bayo kweyo 22 September

TENGO-JABAVU,

Umbhali Nommemi-Ntlanganiso. King W. Town, 31 Aug.. '87.

Iveki.

UCINGO olufike mhla ngom-Vulo lo ugqitile- yo luvela e Ngilani luti ipakati le Nkosazana elipete imihlaba yayo ezi Koloni u Sir Henry Holland ufakwe umbuzo e Palamente ngalo- mteto ulilisa abantsundu, wati ukupendula u Rulumente wo Mntan' Omhle selelindle ingxelo ka Sir Hercules Robinson, yoti yakugqitywa ukuxoxwa ingxelo leyo kwakunye nenteto yokuzitetelela yabantsundu, sowiswa isigwebo sokuba lomteto awuyitungi nokuba

uyayitunga na imilomo yabantsundu embu- sweni ngangokuba mawaliwe, kuba kuko ituba lokuba pakati kweminyaka emibini ufikile apa e Ngilani IKUMKANI yama Swazi u Mbandini usand' ukuzitengela inkabi ye hashe nge £500.

UMBHEXESBI weposi le yesituba esipakati kwe Qonce nele Ntonga upants' ukuhlelwa yingozi ngo-lwesi-Ne olugqitileyo. Kute xa awezwa ngebhokisi e Xesi yaqauka intsontelo xa apakati komsinga. Kuncede Ibhulu ukuba lisuke liyibambe; ngesosizatu ifike ebusuku iposi apa e Qonce.

U NQWILISO ukupe isaziso sokuba wonke otengisa ngotywala kumhlaba wake umelwe kuhlala iponti ezimashumi matatu ngonya ka ipepa lemumelo.

INDODA abati ngu Mr. Boyce yapukelwe Inqwelo yayo ezibukweni lase Alvani, yaya kumangalela abapati base siqingata kuba banetola pezu kwezibuko apo yagwetyelwa iponti ezimbini.

AMARE amadabi ake ako pakati kwa Mabhulu nama Zulu, kumandla wase Nkandla, akayiyo nyaniso.

ABANTU mabagcineinja zabo. Ijaji ngaleveki ipelileyo kumatyala amakulu ase Kapa, besisingete ityala loluhlobo. Ingqeqe ka Mr. Miller itsho ehasheni lika M. Grier ehamba ngendlela ekwele.

IMPI emele u Komani ngeke iye kayihlola

BAYAKUVUYA abahlobo bake abaninzi baku- va ukuba u Rev. F. Mason wase Rini ngati ubupakama kwisifo esibe simcinezela. Ubeke wahambela ngakoma Cradock nase Somerset East.

INKOSI ya Barolong u Richard Moroko ya- nanisa ngomhlaba wayo e Thaba Nchu ngose Bechuanaland. Isizwe eso sotusiwe seso senzo, siti kukuciteka kwaso. Umzi pofu usemi e Thaba Nchu.

U REV. MR. PENDLEBURY ngumfundisi omtsha wase Wesile ovela e Ngilane ozaku- ke ancedise e Rini.

OKO angati alichasile amapepa Esingesi elilizwe ibakala lokubhenela kwinkundla enkulu yombuso kwetu bamnyuma ngetuba ukutshelwa ngapandle kwombuso, ngoka ayanela amapepa aselengene ekusixhaseni esosigqibo. Sitsho kuba sesixhasiwe ngalapepa:— *Cape Times*, *E. P. Herild*, *P. E. Telegraph*, *Journal*, *Q. T. Free Press*, *Independent*, *G. R. Advertiser*, *nayi Frontier Guardian*.

KUVAKALA ukuba u Mr. Justice Buchanan, inkulu ye Jaji e Kimberley, ude ngokunga- binampilo intle, wazisa ku Rulumente uku- ba ulibeka pantsi kanye iwonga lake. Ngo- koke u Rulumente uzakumelwa kumisa i Jaji entsha Kambe zinyulwa kwaku bate- teleli pambi kwe Jaji.

UNYULO Iwe President (Inkosi) yase Transvaal, luyakuba ngo 15 February 1888. Amadoda akankanyelwe ukuba avumile uku- votwa ngu President Kruger, no Mr. P. J. Joubert. Amanye angabuyele avele.

INTLANGANISO ka Tung' Umlomo yase Ngqushwa ayibangako ngo 19 Aug. ngenxa yemvula.

INKOMO ZEMKA MAGWALA NDINI ! Wenza ntonina umzi ontsundu ukusuka ube ngama dyudusi aman' ukungcangazela sewuhla- tywe kade umkosi wokaba imilotno yetu itungwe ngu Sir Gordon Sprigg, asisoku- buye sibe nayo nempendulo ngoku kwimile- to eyenziwa yi Nkundla ese Kapa esipeleyo. Makake ayekwe amakwele nokusukuzana NGENMULA yo-Mgqibelo ongapaya kogqiti- leyo kundulule inqwelo yamafama e Monti igodukela e Gqenube ilayishe u Mr. Me. Reagh nenkosikazi yake no Messrs Barret no Cross. Bafike i Xinira lihamba pezulu bazifaka inkomo, yati xa isemingeni kanye inqwelo wamuncuka umqokozi edesibomini kwasala ezasemva zombini inkabi zasuka zakangela ezantsi vepka inowelo UMSUTU wase Kapa ufungenwe efile endlwini yake enenduma ezinkulu entloko zihlatyiwe nengubo zake wabizwa ze Akasia umbulali kodwa

KUKANKANYWA u Mr. Joseph Gush ukuba ngomnye wamanene azakucela ukuba anyu- lelwe i Palamente ukumela

IBHOTWE lemfundo linyule lamanene ala-ndelayo ukuba aze abe ngaba vavanyi kwi-mviwo zomnyaka ozayo :— *Literature*— Dr. Cameron, Dr. Van Oordt, Hon. Mr. Justice Laurence L D., no Mr. H. Lardner Burke B.A., L.L.B., *Science*.— Hon. C. A. Smith, Mr. Finlay M.A., Mr. Maquard, Professor McOwati B.A., Mr. Nievwoudt B.A., *Law*.— Hon. Mr. Justice Jones, Mr. R. Solomon M.A. *Philosophy*.— Rev. Dr. Kolbe, no Rev. Dr. Stewart. *German*.— Rev. C. H. Hahn jun. Dutch. — Rev. D. P. Faure. *Batany*. (For B. A. degree).—Dr. Marloth.

U MR. ANDREW KING upakati kwamagama abalelwa ukuba aza kuxhinela i Palamente ukumela elase Mbo.

OMNYE wabapati benqanawa eyi Duart Castle ubetwe ngumbane lafa lonke

U SPRINGRATI ubemangalele omnye wezi fama zisand' ukufika e Wolseley, u William Draper, ebiza i £6 ixabiso labasha laka wa

Yi TIMITI e Wesile ngomso ngokuhlwa. Iyakuba ngu Rev. T. Roper Esihlalweni.

UMZI omele umandla wase Qonce wonke nowase Cumakala no Qoboqobo maze ugqale isaziso sentlanganiso esikwa kwelipepa.

AMAJONI amabini ase Maritzburg u Me- Ewan no MoRere ekutiwa ngawo abulele amanye kolunxilo lusand' ukubako lisatetwa ityala lawo yi Mantyi.

IZWE lama Tonga lipantsi kwepiko le Ku- mkanikazi u Victoria kanye ngoku akuko sizwe singabuyele siwakataze.

IJONI elingu J. Coates lase Natal lizidubule likatazwa kungamkwa wonga ekubeni kukade lisembenzi. Ushiywe umhlokolokazi nomntana omnye.

U KOLIWE oweba inkomo e Nzaruni wazi- tengisa kwalapa e Breiabach, unikwe imi- uyaka emibini entolongweni.

U MR. W. IRVINE walapa usalele ngendlu waruneka ekhaba ibhola ngokusuke ayipose.

KWIDABI elisand' ukaliwa e Afghanistan pakati kwemikosi ye Kumkani yakona (Ameer) nabavukeli kubulewe amakulu atnabini abavukeli, zanqanyulwa intloko zabo bonke zasiwa e Cabul.

UKUKAZI (Mildred) ulindilekwa i Kuko umlungu wase Johannesburg kwele golide okhabe umntu omnyama ngesihlangu, ute ukuguquka kwake umntu omnyama wamkha umlungu ngesitshetshe esiswioi apalala amotumbu wafa kwaoko. Akakafunyanwa umbulali.

ITYALA lika Jim no Dyantyi no Lufele no Booy lokuba igusha ka Bekker elaligwetywe sisandla semantyi yase Barkly East bakatswa bobane, lite lakukangelwa zi Jaji zati leyo mantyi yavubisa ukuliteta akuko bungqina buvakalayo bokuba u Lufele no Booy banetyala, ngokoke saguqulwa isigwebo malunga nabo bakululwa.

KUVUKE obudala ubusika.

U MR. ANDREW SMITH, M.A., obeyitshala enkulu yase Lovedale usese Kapa, kuva- kala ukuba akasayi e Skotilani, uhleli e Ka- pa.

UNDWENDWE Iwe Kaya Labantsundu kwi- nyanga egqitileyo : Revs. E. Makiwane, P. J. Mzimba, J. Boom, W. Rubusana, W. Philip, Ndingane ; Messrs. J. K. Bokwe, W. Gqoba' Rev. B. Mrs. Misses (3) and Master Mama' Messrs. Mjokozeli, Mini, Mabefu, Dlakiya,' Chief Kama, P. Nyikana, J. Sinxo, J. Peteni, Ntla, S. Govu, Mafanani Madibala, Maza, Misa, T

KUVAKALA ukuba ngu Judge Maasdorp oyakuhamba eteta amatyala ngalomjikelo we Ntloko hlaza.

I LAWU ebelidlala nelinye ngolwesi- Hlanu apa e Qonce lite ngokucinezelwa ngetafile lapuka umlenze etangeni.

INDODANA kulamacala angase Tamara eya- yivela Emkangiso nenkabi ngazo ezitnvula, ite knba ibinxile kakulu yalahlekana nazo zakufika zodwa ekaya, kuyiwe kufunwa ngamadoda ngemini elandelayo, yafunyanwa isaroxoza idada elindini. Ayibanqa ntsuku itshoba lalal' NGOLWESI TATU AUGUST 31. 1887.

Isibheno: Iyaqala iyalu- nga into yako!

EKUQALENI ko mhlali we ndaba ze Veki, kwelana mhla ipepa, bobona abalesi beta ukuba amanene ase Ngilane angabahlobo babantsundu abinqele pezulu ukuhlwela ukuba singatungwa imilomo ngumbuso wase Kapa. Ezo zikulu seziluvulile ucango awayeba u Rulumente wase Kapa uluvale ngonapakade ngokusuke ayixheshe i Ruluneli ukuba ifake igama layo kulo mteto ukohlakeleyo. Ngokwenteto ye Pakati le Nkosazana ngoku sekulindeleke ukuba kufike ingxelo yase Kapa exela apo u Sir GORDON SPRIGG amise kona inyawo kweli

ati lomteto awenzelwa Bantsundu bodwa nabamhlope bapantsi kwawo. Kwakule nteto ye Pakati le Nkosazana kulindeleke ukuba abo bati batungwe imilomo bafike neyabo ingxelo ukuze zitelekiswe, sandul' ukuwa isigwebo. Njengokuba ingcingo ezivela e Ngilani sezikandanisile nje lonto ibonisa ukuba kufuneka kukauleziwe ukusetyenzwa ngabanini balento. Eyo Rulumente wase Kapa ingxelo ayisokulibala ukutunyelwa, kufuneka ke okokuba iti ifika ku Rulumente we Nkosazana e Ngilane babe befika abantu abangumlomo wabantundu base South Afrika ukwaneka isikalo somzi wakowabo ngalento nokupendula indawo ezobuzwabuzwa zipata mandla ze Nkosazana, nokukanyisa indawo ezingabasitelayo bona bantu bangekona apa. Abatunywa kufuneka bendulule kwakamsinya, baxotyiswe ngempako yendlela. Namhla kuhle into ekade sixoxa ngayo engumsimelelo womzi, makungabalekwa kaloku wak u fi ka umsebenzi. Into ekubonakala ukuba iya kubambeza ngamagama abantu aza kuhamba nomtandazo lo, esekukanya eli lokuba masekubhalwa amagama abantu abazintloko bodwa bendawo ngendawo zalo lonke elinomntu ontsundu apa. Oko kuya kwenziwa ngokutumela abantu abazintloko kwindawo esesazulwini ekuya kuhlanganwa kuyo. Okwangoku mayixelwe imali eseyi fumanekile kwindawo ngendawo. Ningagvvali, asinakusikwa sizama ukuqonda umbuso, kokona koqondwa ukuba siwuhleli lomzi.

UMZI ontsundu uyambulela u lion. A. Ebden, M.L.C., ngokuwulwela kwake kwi Ndlu Enkulu ye Palamente, elwela ukuba makuhanjwe ngemfanelo. Kulo mdyuba we Palamente ude umfo ka Ebden wayedwa kwakungenwa kwingxoxo yokutungwa imilomo, neyemali ecolelwa imfundo, neyokumelwa kompesheya kwe Nciba. Voti laka ukuba itandazi i Palamente nti

KUSEKUHLENI ukuba inchaso ka " Tung' Umlomo" ikakulu ikweli lase mpumalanga apo aza kusetyenziswa ona kanye. Lonto ibonisa ingqondo yabanyuli abantsundu. Ipepa lase Doetoloro liti ngalomteto:—Lomteto woniwe ukutiywa igama lokuba ' Ngowokwenza Amalungiselelo Okubhalwa Kwamagama abantu abanemfanelo yokunyula ngo- kom-Miso,' elona gama lawo " ngu Mteto Wokutunga Imilomo yabantsundu aba- ngabavoti besiqingata sase Dikeni, nesa- se Qonce, ne Komani, nela Batembu abapuzulu, ne Alvani.' Ngoku lomteto se- wu bhalwe negama le Ruluneli emva kokuvunywa yi Palamente sewupakati kwe miteto yeli lizwe. Kubi ngokunye kuba lomteto wabhuduzelwe ukugqitywa kwawo, kanti utung' imilomo yabantu abalingana twa naba bafun' ukubandeze- la—nakuba ibala lona limnyatna bayali- ngana ngobuntu,

ABANTU bomandla wase Monti asikuko nokuba benze into enkulu ukuti akufika u Captain Brabant bambhalele incwadi yokumbulela ngenxa yokusebenze1a kwake okukulu abantu abantsundu e Pa- lamente ngiqitileyo. Kuhlala kusitiwa abantu abamnyama abanambulelo; obo buxoki ke mabungcwatywe ngezenzo ezinjengesi xa kusuke kwafunana kwavuka umntu obengalindelwe waza kunceda. Akuko nto imnandi njengale yokuti pakati kwentshaba ezininzi kangaka zomntu

INQILA ZOTYWALA.

Le ncwadi ilandelayo yowuvuyisa Umzi ontsundu waku yibona. Ibhalelwe U Rev. E. Makiwane ngu Sir Gordon Sprigg ephendula eyayitunyelwe yintlanganiso yo Manyano ngemfundo eyayise Ncemera ngengxoxo yeziqingata obuvaliweyo kuzo utywala, iti:—

Treasury, Cape Town, 1 August 1807.

DEAR SIR,—Ndiyalezwa ngu Sir Gordon Sprigg ukuba ndikubulele ngencwadi yako yomhla we 15 ku July ebihamba nepepa ebelinengxoxo ye ntlanganiso yo Manyano Ngemfundo ebise Ncemera ngomhla we 12 wenyanga efileyo, impendulo ke ndiyakwazisa ukuba

Umanyano nge Mvo Zabantsundu.

Intlanganiso yo Manyano nge Mvo Zabantsundu e Transkei yahlangana kwa Mr. J. Mazamisa, e Hlobo, nge 29 July 1837. U .Mr. J. Mazamisa, Umongameli esesihlalweni—ekwakuko kuyo amanene angu Messrs. S. Shosha, A. Gontshi, P. Lusaseni, K. Masiko, N. Gubesa, T. Matolengwe namanye amanene. Kumalungu amatsha, sapaula o Messrs. J. Ngobe, W. G. Msikinya, Saul Shosha, G. A. Mazamisa, L. P. Mamba, namanye anjengo Messrs. J. Ntongaua, S. Kwatsha nabanye —yavulwa ngomtandazo.

U Mr. J. MAZAMISA, Umongameli, kwinteto yake yokutshayelela ute uyavuyisa ukuyibona intlanganiso ihlangene, kuba yena uzinikele kuyo. Wayete kwamhlamnene uyakolwa yiyo, kuba akaboni sonakalo santo ngokubako kwentlanganiso enje—usatsho nanamhla. Nokuba kuhle ntoni ngayo uyakuyimela. Ute lentlanganiso ijonge kwindawo enkulu yokub sifute indawo ezimayelana nati bantsundu emakaya, nokuba siluvakalise uluvo Iwetu simanyene ngalo. Ukankanye umteto we voti omtsha (Registration Bill). Walate ukuba umteto ka Sir. Hofmey ongelungelo labavotayo unamalungelo amakulu kuti bantsundu. Waza wabonisa indawo yoxande Iwe £25 ayakuti ukuba umntu ulwakile abe nelungelo lokuvota, nokuhamba ngapandle kwencwadi, iyakwenza ukuba abantsundu bakweletelane ukwaka ingxande. Unike isiyalo esibukali sokuba kwakiwe ingxande. Ute uyatamba ukuba intlanganiso iyakuma, ivelise imizamo elungileyo. Ugqibe ngokucela udaba lwaba Tunywa bentlanganiso kwi Ntlanganiso yo Ma-

nyano Ngemfundo—ebise Ncemera ngo July, ko Messrs. A. Gontshi no P. Lusaseni.

U Mr. GONTSHI, omnye wabatunywa usukile wati — kuqala umelwe ukuba ancome uhlobo lobubele, nembeko, abamkelwe ngalo yintlanganiso yo Manyano Ngemfundo yase Koloni, e Ncemera, njengabatunywa balentlanganiso yase Transkei, esuke lompatu yabonisa umoya omhle pakati kwe Koloni nempi yabantsundu base Transkei. Kodwa njengabatunywya, abebetunyiwe ukuba baqondisise ihambiso yalontlanganiso—ekubeni lentlanganiso yo Manyano nge Mvo Zabantsundu ibijonge, igudle, ukuba isebenze kunye nayo yakuba ikoliwe yihambiso yaleyo yo Manyano Ngemfundo yase Koloni, ndinosizi olukulu, ukuti njengabatunywa, emveni kokuba siyiqondisile intsebenzo yayo, sicinge ukuba

Umanyano Ngemfundo, Iwase Koloni, asiyiyo ntlanganiso yohlanga, engade lentlanganiso yetu idibane nayo ngentsebenzo. Ngezi zizatu—1. Igama layo eliti Umanyano Ngemfundo, lixela kubo bonke abantu ukuba umhlaba exoxa pantsi

kwawo mncinane. uxinenene—walate kwizinto ezibhekiselele emfundweni, kubafundisi, nakwi titshala,—kanti yona le ntlanganiso ixoxa izinto zohlanga, ifuna yona ukudibana nentlanganiso enewonga lokuba yintlanganiso yohlanga, yabantsundu, einhlaba wengxoxo uyakuba banzi, ekuya kuti nengwevu zakawetu, namaqaba atandayo axoxe, abe ngamalungu Ukalazele ukuba lentlanganiso yase Koloni, izele ngabafundisi ne titshala, aba-

ntu, abafundisi abaxakekileyo ekuxoxeni indaba zolaulo.—Indawo yesibini, ute bakalazele ukuba lentlanganiso yamkela namanezekazi ukuba ngamalungu avote— indawo leyo exela ubukapukapu bayo, kuba akuko ntlanganiso yohlanga exoxa indaba zomzi ekwake kwangena amankazana kuyo abe ngamalungu ayo, —Ngendawo yesitatu yokugqibela, sikalazele ukuhamba-hamba kwezi kundla zalo ntlanganiso yase Koloni engaba yindleko kule ntlanganiso ukutumela abatunywa kwi ntlanganiso engena sikundla.—Ekugqibeleni u Mr. Gontshi ubonjse ukuba ubenepike elikulu lentlanganiso yo Manyano Ngemfundo yase Koloni ngokuba igama lo Manyano nge Mfundo liguqulwe, Intlanganiso yaseKoloni ayavuma. U Mr. Gontshi ukankanye

ukuba o Messrs. Makiwane no Mzimba bayeza kule ntlanganiso nje nga batunywa ho Manyano nge Mfundo yase

Iwe Transkei, ate u Sir Gordon Sprigg uya kugqitywa ngo September, banikwa negunya lokuumema abantu kule ntlanga- niso, nokuba vuselela ukuba babe ngama lungu apo ngokubona kwabo.

Intlanganisano yakoxa ubusuku bonke lada lapuma ifanga. Amanene amatatu aba namandla amakulu ekugcineni ingxoxo e'ngadlwa o Messrs. K. Masiko, N. Gubesa, no P. Lusaseni, abafa be ntlanganisano kanye.

Intlanganisano elandelwayo iya kuba ku Kotama emzini ka Mr. Matolengwe nge 8th ka October 1887 ozayo. Intlanganisano ivalwe ngo mtandazo.

"J. A. V." (Port Elisabeth), umbuzo wako unokupendulwa ngambalwa. Aku- zilesipa ingxelo zentlanganisano zemizi ngemizi egqiba kwelokutumela umtanda- zo? Kuseko omnye umzi na? Umbuso seemnye kweli. Wazi wupina wena? Selululuntu olugqiba izinto ngoku. Wena wazi lipina ikomkulu ebingasuka kulo into le ?

Elibali lomboneli loba sibindo kwa- baninzi:—"Tamara, July 23, 1837. Ubu- hedeni kwimi Qayi buku, bobona abafundi bako ukuba kunjalo. Nalo ibali — Kute ngamini itile kwabe kugula mfo utile, kufunwe igqira, anuka umfazi wofayo lisiti yimpundu, wagxotwa, kwatshiswa nenditu yahlala indoda kwavimbi. Ude wapu- tunywa umfazi lowo, yabuya vavula indoda, ngoku igqira lati oyise bolayo bafuna idini latshe lalata intabi enkulu ityeba into eyatyatya imhla emifatu yasikopa isizwe, yada inyama yakoxwa ematanjeni kuba eza kutshiswa. Kwati kusatyawa lonnyama kwabonwa indlu seyisitsha ; ionrai ke sithi tina ngu Soma- ndlu ufundisa bona. Mhla lashedwa idini zema ngoku na into zika Nkkelo, Thomas, Kwaimane, Notoko, Mvundla, Negebeya, kwa ozwa ukuya ebuhlati kukokele ofayo maxa kwakoya kubekwa idini koyise. Lomfo ube lb' iye kubi ifizwi, zonke ezonto azimncedanga wa- bhubha noko. " Kodwa kube ninina nitingaza pakati kwezi mvo ezimbini? "

"I. A. M." siyakubulela ngomoya owu- bonakalisayo wokuvulana nati ngetuba lempi enyolukele ipepa kanti ayicongi ngokuhlalula. Lenewadi yakoyebifanele ukungeniswa, kodwa inde, enye into iya kubenza okunye izitililo.

U G. N. M. (Bowden. Glen Grey) usitu- mela elibali: Ngo August 11th 1887 ute u Mrs. J. S. watuma unyana wake ukuba ase imali yerafu kuyise u J. S. ekaya Egoqodala. Ute kanti umfo omshla utate inkabi apa yehashe, emnyama yembodlela wakwela kuyo, enye wayitwala ngama- gxa ake eyifake ezipampala emi kunye nale mali £1 5s. Ute le angayi twali ngama- gxa wayitwala ngesisu, suke yona yanjija amatumbu yamwisa pantsi xa asenka. Iveni ka Bonkolo chamba eqhuba into ezingabonwa liso lomtu ke ezo. Kute kulapo seke nowabo abadibana ngezela walala yena kuba hashe lindisile. Wati lowo yena walala impahla le ime mali nebulukwe walubula. Ute yena evuka u Bill ka Gini kwa kungaseko mtu wampancaza sekusemwa kuba kaloku ungafika lo Bill ka Gini efunga u Zezi, kodwa kuluzisi ke kum ngu Mr. J. S. lowo kuba yena uza kudliwa ngoku nje yi rafu."

Letnto ilandelayo yezalata ukuba umzi wonke upongomile ngokwenyala u Palamente. Uli umhaleli wetu xa ateta nga "Manges na Mabhulu." "Ku- ngokubusitena lento silitwayo awetu amalungelo, sopulapula kangapina inteto yakoy? Wati mlana wamisa lo Rulume- nte use Kapa walumela kwi Nkosazana ku Mntan'Omhle wati, ufuna ukuba ikupe lungelo lokuba ube no Rulumente apa e Kapa, weza kuti lomini wati niteta ntonina nina, savoma. Naza nati ukutu- mela kwantu kwi Kumkanikazi nati sice- lela kunye nabantu abamnyama nati akuseko mketo se sibanya, sibamama ngezandla, siteta nteyo nye, akuseko mtu umnyama sesi nga Mangesi sonke. Namhla ngubanina lo uti siminyama, masihlutwe amalungelo etu? Mmiseni, "mxeleni, aze kanjalo amise izizatu. Ni- yazi nani Mabulu ukuba asizange siko- nze kuni kakade. Ningabi nilibele, tina zisinkosi, silulilanga. Lomhlabi ngowe- tu. Qonda, "mnye umntu esimaziyo osoyisileyo yi Nkosazana yodwa, wena Bhulu asikwazi nokukwazi ukuba ungunyama. Opankulu bako abakuxelelana, nawe akuma mhlaba upanisi kwe Ngesi upetwe kwanje ngam, undichukela nga- nina lento uti leminyaka yonke umana usidla ngama idina a zako ukuzize zibe mndini. Ukuba ude wawumisa lomteto siyahamba siya enkosini sogwetwya kona akunanto. Ndim NTLOLA-YOHLA- NGA."

U Mr. R. J. Crowe (Ubhobho) utumele incwadi kwipepa lase Kapa ebousisa uku- ba umtandazo owatunyelwa ngo Shaddy B. Mama e Palamente nabanye ocela ukuba zivulwe inkanti awuyiyo intsoni awati uyiyi u S. B. Mama e Ncmera. Ubhobho utsho abhengeze incwadi ka S. B. Mama yokuti aze angotuki Ubhobho kukanyela kwake, ugalela kodwa . utuli emehlweni e nkosi u Kama nempu efu- ndileyo. Ngati kuti ngengazamanga kuzikulula kuyo u S. B. Mama.

Akanaxesha. Kwezi ntuku zisand- ukudlula sike seva umntu encokola no- nina. Uvakele esithi unina kunyana. "Ke mntanam imbi lento yokuti umnta- na wase sikolweni atabate umntana womntu kanti akanaso nesikotile esi sombona aya kumpekela sona akufika, ukangele ukuba aya kumcelela izikoko kokwabo kwalomini walika." Ute unyana ukupendula: " Hayi, elo lityalal lamantombazana. Ateni wona lento angabu- ziyi kumfana apa, ukuba unditabata nje uya kundinjika ntonina?" Ute ukupendula unina: "Amantombazama la anxesha kodwa mntanam? Uyazi kodwa ukuba akanaxesha! Ndihi mna maninzi ongawafumana esela ukuti ndoda nditshale ninna Nkosi." Uti ke unyana, "Maube ungandoyisa ke ma xa uti akanaxesha lokubuzwa, into enge isenziwa xa kunjalo ngekutetwa avulelwe ituba lokuba abe ngawona afilishayo!"

Uti " Umthiwo, "—Kuyinto eyandileyo kuti bantu abantsundu ukucekacana kwa nokungatandi ukubona omnye wetu ehuma kwizinto zokukanya.

Kuluvuyo kum inene elibekekileyo lase Bhayi lize kumisa i Kaya Labantsundu apa e Qonce. Angamana namhla amawetu angabamba zime xip inzipo kulomfo ka Xiniwe; he, namhla amawetu.

makazishiye i Shop Kof zabelungu, yinina ma Xhosa. ma Lawo, Batembu, ma Tshaka, ma Mfengu, nani Besutu, umlandu ngowanina? Lifile, lifile kwizinto zohlanga, ngubanina ose ngumntwana, yaye iyakude ifike ninina imini enode nibukane nikutazane ngayo? Nize nibambisane ngaye lomfo ka Xiniwe. Andimelwe kuita ngapezu koku, kuba mayelana nobuntu bake, ndiyatamba ndikolwa kanjalo okokuba i Bhayi lilahlekelwe namhla, laye i Qonce litivi ngamnga ngetamsanqa. Hip, hip, Hurrah. Mawetu niti makude kuvuke banina engcwabeni oya kunishumayeza emi pezu ko " Hoho " ati xhasani, xhasani, olwenu uhlanga, kambe abalutandayo uhlanga sobabona ngokuya ekaya, i kaya lobani i " Kaya Labantsundu. " " Hip, hip, Hurrah."

EZABABHALELI.

INKWELE NENKETO.

"Imvo" ye 10 August, ibonakalise isika- lazo esibhalwe pantsi kwale ntloko ngu Tiyi- Nkwele. Ngumntwana wam uke ndenze abembalesi, ndiqondise umzalwa- na lowo kunye nabalesi, ekubeni isikalazo somhlobo lowo sipantsi kwendawo engo- le kunene *Yenkwele-Yenketo*, sangqini- sa amakade eranelwa *inkwele* kusizwe no hlanga iwaba Tembu ngencazi eya- bhalwa ndim. Andisakushiya indawo yam ekuyibhaleni loncwadi ndisukele amampampama okuzindla, makemke nomoya wase South wona; kuba kade esemqumbelweni kakade, ngoloke mandizame ukucaza isimo nesiseko salo- ncwadi vam. Kuqala ndingati yayisi- memo. Endati ndatata amagama amba- lwa ezimamhlaba, ndibonisa intsingiselo yam ngalomagama kuye wonke ongaba nokucukumiseka asamkele isimemo eso asaneke kuwo wonke umzi; pakati kwa- lomadoda. Incwadi yam ndiyayilandu- lela yayingingo yokubhalwa amagama abalahlekwe zimali, abaxamleki, kwanabanyeliswa ngenxa yaba Tembu, ngoku umzi maza ungalahlekelo kulo- ndlela; kuba ukuba ndandibhala abaxa- mleki &c. ngendambhala nombolo one u Tiyi- Nketo ngenene. Ukuba isizwe siranelwa nge Nkwele makungatataw omakabe uti esitjinje ngalencwadi u D. Malasi. Ngokoke ndingavuyiseka umzi wakowetu ute wandivisisisa kakuhle ungandizindleli. Useza wona umhla endobhala ababulawa ngenxa yesizwe sakowetu, ndinga kolwa ukuba ndinga- bagqiba kodwa yena u Tiyi- Nkwele woba sekuqaleni oko kukuti No. I. Ndisicaka sako D. T. MALASI.

UKUZALANA KWETU.

